URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
UkuHlaliswa koLuntu

HOME WISE



# UNCEDO LWENKXASO







# UNCEDO LWENKXASO

## 1 UFUMANAYO

Ungasifaka isicelo sakho kolu Ncedo lwenkxaso ukuba unesiza esisesakho esihlawulelwa iinkonzo Okanye owasizuza ngaphambi kuka1994.

Isixa-mali soluncedo lwenkxaso li- R109 947 kwaye singasetyenziselwa
- Ukwakha indlu yakho.
- Ukuyiphucula okanye ukugqibezela indlu engekho phantsi kwenkxaso.

## 2 OKUDINGAYO UKUZE UFANELEKE

Ulufanele olu ncedo lwenkxaso wakuba:
- Ubhalisiwe kwimbango yeenkcukacha zezindlu ezikumasipala wakho okufuphi kuwe.
- Ungummi waseMzantsi Afrika okanye unempepha-mvume ezikuvumayo njengo- Mhlali osisigxina.
- Uneminyaka eli18 nangaphezulu.
- Utshatile okanye uhlala neqabane.
- Akutshatanga okanye wahlukene nomtshato kwaye unabantu abavunyiweyo ukuba baxhomekeke kuwe ngokwasemalini yaye bahlala nawe isigxina.
- Umvuzo wakho wekhaya ngamaR3 500 okanye ngaphantsi koko ngaphambi kokuba kutsalwe.
- Wena neqabane lakho aningobanini-propati bakutshanje okanye bexesha elidlulileyo.
- Wena neqabane lakho anizange nafumana Ncedo lwankxaso kaRhulumente  nangaphambili.

Nceda qaphela ukuba ukubekwa phambili kuza kunikwa abo bafaki-zicelo baneminyaka engama-35 nangaphezulu, okanye nabanezidingo ezizodwa (umzkl abantu abakhubazekileyo)

## 3 USIFAKA NJANI ISICELO

Hambela uMasipala okufuphi kuwe ukuze ufumanise ukuba unakho ukufaka isicelo soNcedo lweNkxaso eZinzisiweyo. Isicelo sakho kufuneka senziwe ngendlela esekelwe kwiprojekthi siphume ngqo kumasipala wakho.